

## UKHUSELEKO KWIIMPUPHUMA

- Zazi izicwangciso ezikhoyo kwindawo yakho ngeemeko zikaxakeka, imiqondiso elumkiso, iindlela zokuphuma xa kukho iingxaki neendawo obalekela kuzo xa kukho ingxaki.
- Xa kukho iinkqwithelo ezinzima, mamela koonomathotholo basekuhlaleni okanye kwizikhululo zoomabonakude. Hlala usazi ngokuqhubekayo malunga nezilumkiso zeempuphuma neengxelo ngeempuphuma ezikhoyo.
- Zilungiselele ukumka kuloo ndawo ngokukhawuleza. Zonke izinto zakho ezibalulekileyo mazibe kuwe kwangethuba.
- **Yiya kwindawo ephakamileyo.** Ukuba ungaphandle okanye kwikhaya lakho ze kubekho uphuphumo, kufuneka ukhangele indawo ephakamileyo.
- **Lumkela amanzi ezikhukula.** Ukuba uyaqhuba uze udibane nendlela enezikhukula, jika uhambe ngenye indlela.
- Lumka ebumnyameni. Ukuphuma ebusuku bubungozi njengoko kunganzima ukubona izinto eziphazamisayo ezenziwa zizikhukula neempuphuma.
- Wulumkele umbane nezilwanyana kumanzi eempuphuma xa ucoca loo ndawo emva kophuphumo.

## Okubalulekileyo

- **Nkqaya iinombolo zikaxakeka ezikweli phetshana.**
- Yiba nesicwangciso sokhuseleko emlilweni kwaye uqinisekise ukuba wonke umntu uyazazi ukuba makaphume njani ekhaya xa kukho umlilo.
- Wugcine kwindawo ekhuselekileyo umthuthu oshushu namalahle.
- Galela isanti emlilweni.
- Khangela ukuba izixhobo zombane zineentambo ezihamba ngokufanelekileyo na.
- Iindawo ekufutshane nengqonge ikhaya lakho mayingabi nazinto zinokutsha, njengeenkuni, nenkunkuma.
- Qinisekisa ukuba ulicima ngokufanelekileyo icuba.
- Sukuwushiya ungenamntu umlilo.
- Sukutshisa inkunkuma ngemini eshushu okanye enomoya.

## EMERGENCY NUMBERS



10177



112

UKWAZISA BANZI NGOMLILO NEEMPUPHUMA

## HLALA UVUNDLILE SUKUVA KABUHLUNGU



Sikufundisa ukuba ungahlala njani ukhuselekile. Kufuneka usoloko ukulumkele okukungqongileyo ukuze sikwazi ukuthintela imililo kwaye silungiselele iimpuphuma. **UBAMBISWANO NGAMANDLA.**



URhulumente  
weNtshona Koloni



## UKHUSELEKO KUMLILO

### Senza ntoni xa kukho umlilo

- Phuma endlwini uhlale phandle.
- Khasa ngezandla nangamadolo ulumkele umsi.
- Sukuzama ukuthatha ii-albham ezinamafoto okanye iipaspoti - kungcono uphume.
- Xa uphandle, ungaze uzame ukubuyela emva endlwini uyolanda isilwanyana sakho okanye nantoni na.

### Ukuba impahla yakho iyatsha

- YIMA! Sukubaleka.
- ZIJULE PHANTSI, ubugqume ubuso bakho ngezandla zakho.
- ZIBHUQABHUQE, uzibhuqe kwakho ukususa amalangatye.
- Mbhijele ngengubo okanye ngebhatyi. Oku kunqanda umoya ungangeni emlilweni uwuphembe nangakumbi kwaye oko kuza kuwucima umlilo.

- Ukuba omnye umntu utshile, mgalele ngobunono ngamanzi abandayo kwezi ndawo zitshileyo. Ukuba ukutsha kuphelile mgcine eshushu loo mntu njengoko besenokothuka. Makafumane unyango nokuba utshe kanjani na.

### Ungayisebenzisa njani na iparafini ngendlela ekhuselekileyo

- Yigcine iparafini nomatshisi kwiindawo abangenakufikelela kuzo abantwana.
- Yigcine iparafini kwibhotile yeglasi - ungaze usebenzise iinkonkxa zobisi okanye iibhotile zeedrinki.
- Zicime izinto zokusebenza nokubasiweyo konke xa usimka ekhaya okanye usiya kulala.
- **Sebenzisa isanti** ukucima umlilo weparafini, **ungasebenzisi amanzi!** Malihlale likufutshane ibhakethi lesanti.
- Ukuba umntwana usela iparafini, sukumtyisa nto okanye ungamselisi nto. Sukumnyanzela ukuba agabhe. Mse kwagqirha umntwana ngokukhawuleza.

## EMERGENCY NUMBERS



10177



112

## Indlela ekhuselekileyo yokusebenzisa ikhandlela



Galela isanti embondleleni esele isebenzile ze umilisele ikhandlela kuyo.



Njengoko kubonisiwe kulo mfanekiso ungentla, xa lithe lawa ikhandlela isanti iyalicima.